



VAKALISA ULUVO LAKHO! UMTHETHO KAMASIPALA OLUYILO ONGOKUGCINWA KWEZILWANYANA

ISixeko saseKapa sikwinkqubo yokumisela uMthetho kaMasipala ongokuGcinwa kweZilwanyana. Lo Mthetho kaMasipala ujoliswa, phakathi kwezinye izinto, nolawulo lwayo yonke imiba ejoliswe kwizilwanyana, ukuvunyelwa kwezilwanyana, uxanduva lwabanini bezilwanyana zasekhaya, nobonelelo oluxhasa iinkqubo ezibalulekileyo zokujongana nohlasele olukhohlakeleyo oluthi lwenziwe zizinja ebantwini nakwezinye izilwanyana. Ukwajongana nemiba yezilwanyana ezibhadulayo ezindleleni nakwiindawo zikawonkewonke, uxanduva lwabanikazi malunga nokugcinwa kwezilwanyana neenyosi, imiba ephazamisayo nezikhalazo ezijoliswe kwizilwanyana, kunye nokubanjwa nokugcinwa kwezilwanyana ezibanjiweyo kunye nemiba ehambelana noko kwiSixeko saseKapa.

Ngokwecandelo 17 loMthetho ongobuRhulumente boMmandla ongolawulo lweNkqubo zikaMasipala ongunomb.32 wango2000, uluntu namaqela anomdla okanye imibutho iyakuthi inikwe ithuba lokungenisa kumasipala izimvo, izindululo okanye izilungiso ngokujoliswe kumthetho kamasipala oluyilo ukususela ngowama28 kweyeThupha (Agasti) ukuya kowe29 kweyoMsintsi (Septemba) 2026.

Izimvo, izilungiso nezindululo zingangeniswa, ngokuthi usebenzise:

- I-imeyile: Animalkeeping.Bylaw@capetown.gov.za
- I-intanethi: www.capetown.gov.za/haveyoursay
www.capetown.gov.za/collaborate
- Izingeniso ezibhaliweyo: kuLlewellyn Grove, weSebe lezoNyanzeliso loMthetho, leSixeko saseKapa, kuMgangatho wokuqala, Omniforum Building, 94 Van Riebeeck Street, eKuilsvlei, 7590

IYunithi yeSixeko engeNtathoxaxheba yoLuntu iyakuthi incedisane nabo bantu bengenakho ukufunda okanye ukubhala, abo bakhubazekileyo nabo bahlelekileyo apho bangenakho ukungenisa izimvo ezibhaliweyo, ukuba kufumaneka izimvo okanye izilungiso zabo ukuze zirekhodishwe kwaye zingeniswe kwiSixeko. Qhagamshelana naba bantu balandelayo: Anathi Dywili kwa021 400 9825 okanye kwa Anathi.Dywili@capetown.gov.za. UMthetho kaMasipala oluyilo ongokugcinwa kwezilwanyana uyafumaneka ukuba uphononongwe kwiiofisi zeBhungana nakumathala eencwadi eSixeko.

Malunga neenkukacha ezithe vetshe qhagamshelana noLlewellyn Grove kwa021 444 8116 okanye kwa Animalkeeping.Bylaw@capetown.gov.za.

**LUNGELO MBANDAZAYO
UMPHATHI WESIXEKO**

CTA198/2026



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.